# Mzali Othandekayo

Wamkelekile kwisifundo sesiKolo seCawa esithi **"Izilwanyana kunye nomntu."**

Olu xwebhu luya kunika isikhokelo esingekuphi ngendlela oza kusenza ngaso isifundo.

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Ngezantsi kukho amanye amacebiso endlela onokusilungiselela usenze ngawo isifundo:

| Inyathelo | Omakukwenze |
|---|---|
| 1. | Fikelela kwikhasi lebandla eliTsha lobuPostile ngokufaka okanye ucofe kwikhonkco elilandelayo elisuka kwi-WhatsApp: https://bit.ly/3NACSSHS |
| 2. | Qokelela ezi zixhobo zilandelayo ukuze uqiniseke ukuba usilungele isifundo:<br>• iBhayibhile<br>• Isifundo esikwimo yePDF esele ilungisiwe<br>• Incwadi yomsebenzi womntwana kunye neepensile, iikhrayoni, njl.<br>• Isiqwana sevideo sisixhobo esongeziweyo / sisixhobo esongezelweyo sokuzikhethela<br><br>**Qaphela:**<br><br>2.1: Elona xesha lifanelekileyo ekufundiseni isifundo kusemva kwenkonzo yakusasa ngeCawa ukugcina inkqubo eqhelekileyo yesiKolo seCawa.<br>.<br>2.2: Nceda usenze sigqale kumxholo (sibe sifutshane) kangangoko, ucingele ixesha labo lokukwazi kwabo ukuphulaphula (ukugxila kwisifundo) sabantwana bethu-umazi kakuhle umntwana wakho!<br>ISikolo seCawa ngokwesiqhelo asidluli kwimizuzu engama-45.<br>2.3: Isifundo seseklasi ngaye (Umzekel, SS, RI okanye Isiqinisekiso).<br>2.4: Nceda unxibelelane notitshala wesiqinisekso ukuba ufuna naluphina uncedo okanye ufuna nasiphina isixhobo kwezi zingasentla. |
| 3. | Thandaza (jonga umthandazo osekupheleni kolu xwebhu) kwaye ucele uThixo ukuba akusebenzise njengesixhobo sokuzisa isifundo ngendlela ayakuthanda ukuba sisenze ngayo. |

## Uzilungiselela usibeke njani na isifundo

Siyaqhubekeka ukwabelana ngamacebi athile ngendlela esinokuthi silungiselele ukwenza isifundo:

| Inyathelo | Omakukwenze |
|---|---|
| 4 | Dala indawo yokufunda emnandi, engenasiphazamiso apho wena nabantwana nikwinqanaba elifanayo.<br>**Umzekelo**: Hlalani phantsi okanye ningqonge itafile. |
| 5 | Funda isifundo. Phinda ufunde isifundo ukuze usiqonde.<br>Bukela isiqwana sevideo sesifundo ukufumana ulwazi olungcono lwesifundo. |
| 6 | Zenzele amanqaku kwiingongoma ezibalulekileyo ongathanda ukuzikhumbula. |
| 7 | Yiqonde injongo yesifundo ekufuneka sikhunjulwe ngumntwana wakho. |
| 8 | Fundisa isifundo kumntwana wakho. |
| 9 | Mbonise umntwana wakho ivideo kwaye uphinde ugxininise kwintsingiselo. |
| 10 | Jolisa umntwana wakho kumsebenzi okwincwadi yomntwana |
| 11 | Thandaza, okanye ucele umntwana wakho athandaze ukuvala isifundo. |

## Izixhobo ezifumanekayo ngokweSikolo saseKhaya

Nazi izixhobo zokuphucula umgangatho wesifundo:

1. Incoko ka-WhatsApp ngesifundo kunye nolunye usapho olunomntwana okwisiKolo seCawa 1.
2. Xoxa ngesifundo nabanye abazali ukuze ufumane ingcaciso ngokubhekisele kwisifundo ngaphambi kokuba usifundise.
3. Zive ukhululekile ukwenza olwakho uphando ukumana iinkcukacha (ezongelelekileyo).
4. Nxibelelana kunye noMphathi webandla wesiKolo seCawa noTitshala ukuze ufumane inkcukacha eyongezelelweyo.

**Isifundo**

| | |
|---|---|
| **Isihloko seSifundo** | Izilwanyana kunye nomntu |
| **Isicatshulwa seBhayibhile** | Genesis 1: 20-31 kunye neGenesis 2: 1-4 |

| | |
|---|---|
| **Injongo yesifundo** | Abantwana baya kufunda ukuba siyinxalenye yendalo kaThixo kwaye zonke izidalwa eziphilayo ezadalwa nguThixo zahlukile. |

## Isishwankathelo sesifundo:

- Namhlanje siyaqhubeka nebali lendalo.
- Kwisifundo sethu sokuqala sifunde ukuba uThixo wadala inyanga neenkwenkwezi ukukhanyisa isibhakabhaka ebusuku, Wadala amafu wahlula amanzi kumhlaba owomileyo. Wawugquma umhlaba ngengca nangezityalo.
- Wakwenza konke oku ngeentsuku ezine. Umhlaba wawujongeka umle kakhulu, kodwa kwazolile kakhulu.
- Xa ilanga laphuma ngosuku lwesihlanu, iNkosi yazalisa amanzi olwandle ngobomi, yadala izilwanyana ezininzi ezahlukileyo ukuze zihlale emanzini.
- Kwangalo mhla wadala iintaka. UThixo wazenza ukuba zakhe izindlu zazo kwaye zibekele amaqanda ukuze kwamsinya kuvakale ukukhala kwabo kuyo yonke indawo emhlabeni.
- UThixo wavuya ngabo bonke obu bomi butsha kwaye wabona ukuba kulungile.
- Ngomhla wesithandathu uThixo wadala izilwanyana ezihlala emhlabeni owomileyo. Ukususela kumbungu omncinci ukuya kwindlovu enkulu, zonke izinto zenziwa nguThixo.
- Nganye yazo zazinokwakheka okuthile kunye neempawu ezikhethekileyo. Inkawu wayenza ukuba ibenako ukukhwela emithini, oonombombiya banokuhlala kumkhenkce kwaye iikangaroo zinokuthwala abantwana bazo kwisingxobo. UThixo wavuya ngezinto azenzileyo wabona ukuba kulungile.
- UThixo wahalngula into ebaluleke kakhulu ekugqibeleni.
- Ngomhla wesithandathu uThixo wadala isithsaba sendalo yaKhe, abantu.
- Wabanika isipho esikhethekileyo, inkululeko yokuzikhethela. Wabasikelela waza wabayalela ukuba bajonge indalo yaKhe kwaye bafumane izinto ezintsha.
- Babenendawo yokuhlala emhlabeni nokutya okwaneleyo. Babenombulelo kuThixo kuba wayebakhathalele kakhulu
- Ngoku kwakusekupheleni kosuku lwesithandathu.

- Ngomhla wesixhenxe, uThixo wawujonga umsebenzi wakhe. Wabona ukuba yonke into ilunge kakhulu.
- “Waphumla emisebenzini yaKhe waza wavuya ngenxa yezidalwa ezincinane nezinkulu awazidalayo, wazilungiselela. Wawusikelela uThixo umhla wesixhenxe, wawungcwalisa. Funda iGenesa 2: 1-4

## Sithetha ukuthini esi sifundo kuthi namhlanje?

- Yonke indalo ephilayo yadalwa ngokukodwa ineempawu kunye nokwakhiwa kwayo.
- UThixo waqinisekisa ukuba indalo nganye ephilayo inendawo yayo yokuhlala kunye nokutya okwaneleyo.
- Nawe udalwe nguThixo.
- Nawe wahlukile. Akukho bantu babini abafanayo sonke sohlukile.
- UThixo wenza abantu ngokomfanekiso wakhe, waza wasidala njengesithsaba sendalo yakhe. Sibaluleke kakhulu.
- Ngabantu kuphela abazizidalwa eziphilayo abanenkululeko yokuzikhethela abanoko ukuthabatha isigqibo ngako okulungileyo nokungalunganga.
- UThixo uyawuthanda umsebenzi wakhe kwaye uyikhathalele indalo yaKhe yiyo loo nto kufuneka siwukhathalele.
- Uzijongile izinto ezininzi, kwanathi.
- Kufuneka sibe nombulelo ngayo yonke into uThixo asinika yona.
- Kufuneka ikwenze uzive ukhetheke kakhulu kwaye uvuya ukuba uyinxalenye yendalo kaThixo.

## Eminye imibuzo esinokuyibuza:

1. **Ingaba unako ukukhankanya izilwanyana ezinempawu ezizodwa?**
   **Impendulo:** ezahlukeneyo
2. **Yintoni ebangela ibhabhathane libe ngummangaliso onje?**
   **Impendulo:** Livela kumbungu, emva kokuguqulwa kwemizimba kugqityiwe libhabhathane.

## Umthandazo kaTata noMama wokuthandaza ngaphambi kwesifundo:

Thixo othandekayo, enkosi ngale mini

Sikelela bonke abazali kunye nabantwana

Kunga singeva ubukho bakho

Sikelela isifundo esiya kuba naso

Nceda usifundise sikukhonze njani

Kwaye sincede senze intando yakho

Ukuze sisondele kufuphi kuwe

Thumela uYesu ukuze asiphuthume

Kwaye kwanga singakulungela ukuhlangana naYe

Amen